I-Patent Ductus Arteriosus

INkcazelo eMfutshane:
1. I-Patent ductus arteriosus.

Inkcazelo ngokubanzi:

Yintoni leyo?



I-Ductus Arteriosus ifunyanwa ngokuqhelekileyo kusana ngaphambi kokuba luzalwe. Ngumbhobho onceda usana ukuba luphile ngexa lungaphakathi kuMama walo. Kufanele ukuba uvaleke ngokukhawuleza emva kokuba usana luzelwe. Kwabanye abantwana, ingakumbi abo bazalwa ngaphambi kwexesha, awuvaleki, uze kengoko ubizwe ngokuba yi-Patent (evulekileyo) Ductus arteriosus. I-Patent Ductus Arteriosus (PDA) ngumbhobho oqhagamshela umxhelo okanye i-Aorta koonothumela beMiphunga. Oko kuthetha ukuba elinye igazi lihamba ngendlela engafanelekanga, ehamba kwi-PDA ukuya emiphungeni endaweni yokuya emzimbeni.

Zithini iziphumo zayo?

Igazi elihamba ngendlela engafanelekanga ngalo mbhobho libangela igazi elininzi eliya emiphungeni. Eli gazi longezelekileyo emiphungeni lonakalisa imiphunga lize libangele ukonyuka koxinzelelo emiphungeni, usana lufumane izifo ezosulelayo zesifuba rhoqo futhi ezi zifo zosulelayo zibe nobuzaza obuninzi kunakwabanye abantwana. Oku kuhamba kwegazi okongezelelekileyo kwenza intliziyo isebenze ngaphezu kwesiqhelo, kengoko umntwana adinwe ngokulula. Oku kuthetha ukuba usana luye lungakwazi ukugqiba ukutya kwalo, lubile xa lutyiswa futhi lungafumani ubunzima obufanelekileyo ngokwasemzimbeni. Ukuba awuvalekanga, ungabangela ukosuleleka ngaphakathi entliziyweni kwakunye nokufa.

Kwabanye abantwana abaneengxaki ezingezinye ezinzima zentliziyo, i-Patent Ductus Arterious (PDA) ingaluncedo. Ingavumela ukuhamba kwegazi eliya emiphungeni xa kungekho ndlela engenye yokuba igazi liye emiphungeni, okanye livumele ukuba igazi lihambe ukuya emzimbeni ngexa indlela eqhelekileyo ivalekile. Kumatyeli anjena, ugqira uyazama ukugcina i-PDA ivulekile de kwenziwe utyando lokulungisa okanye lokuphucula ingxaki enzima yentliziyo.

Kunyangwa njani oku?

Kwiintsana ezigqibokuzalwa, kukho unyango olunokusetyenziswa ekuzameni ukuvala i-PDA. Ukuba oku akusebenzi, i-PDA ingavalwa ngokwenziwa kotyando okanye, xa kufanelekile, ngaphandle kotyando kwilebhu yokukhutshwa kolwelo (catheterization).